NGQUSHWA NEWSLETTER

July - September 2022

Sikhula Simanyene
Engqushwa

CONTENTS

3-4. Mayor's Message

5. Inkxaso kubafundi bebanga leshumi

6. Career EXPO 2022

6. Youth Training and Development

7. Handover of poultry feed

8. Nelson Mandela Day

9. Ingxoxo ngempatho gadalala ekuhlaleni

10. Women's Month Celebration

11. Foetal Alcohol Syndrome Awareness Campaign

12. New Municipal Fleet

13. Tourism Month

MAYOR'S MESSAGE

Ndiyazibulisela ngokubanzi kubahlali balapha eNgqushwa. Kuluvuyo ukuba ndiphinde ndabelwe ithuba lokuba ndithi gqaba-gqaba ngomsebenzi esithe sawenza singuMasipala kule kota yokuqala yalonyaka mali. SinguRhulumente oselulawulweni sinendima noxanduva lokuqinisekisa ukuba abahlali baphila impilo engcono kunangangaphambili.

Ngethuba singena elulawulweni silibhunga, sayiqonda ukuba umsebenzi wokukhokhela abantu ungangabilula konke-konke, kodwa ukuba sithe gqolo ukuba liliso, nendlebe ezibukhali kwiimfuno zabantu esibakhokhelayo, akukho kwanto enokuba ngumqobo endleleni yethu.

Senza isibhambathiso esithi sizakuqhuba nokuzisa inkonzo ezingundoqo ebantwini, nanjengoko nePhondo lineminqweno, ethi "We are Building the Eastern Cape that We Want", siyaqhuba nathi ukusabela elokhwelo lokuba "Sakha iNgqushwa Esiyifunayo".

Kule ikota, uMasipala usathe gqolo ukuqinisekisa ukuba ezizinto zilandelayo ziyafezeka:

- Unikezelo ngeenkonzo ezingundoqo eluntwini
- Ukuphuhliswa kwanokukhuliswa koqoqosho
- Inthatho nxaxheba yoluntu kulawulo lukaMasipala

Xa sizibalula gabalala ezizinto zingentla siqale kumaphulo okuqinisekisa ukuba sicutha intlupheko kwintlalo, singatsho elubala ukuba sithe gqolo ukuxhasa, sikwagqamisa amafama asakhasayo ngokuthi siwanike izixhobo zokusebenza nokuthi siphuhlise izakhono zawo kulimo noshishino. Siyithathela ingqalalelo yaye siyibona njengebalulekilyo kakhulu inkqubo yolimo, nanjengoko ukulima kukwazi ukugxotha ikati eziko kumakhaya amaninzi.

Kusenjalo, xa sithetha ngokuphuculwa kweziseko zophuhliso (Infrastructure), singuMasipala sisathe gqolo nokuthenga nokukhulisa izixhobo zokusebenza neziquka iloli nogandaganda (Trucks & machinery plant) kwakunye neeMoto kwinzame zokuqinisekisa ukuba sizisa iinkonzo ezikumgangatho ophezulu eluntwini futhi ngokukhawuleza. Sisathe gqolo kanajalo ukuphucula umgangatho wendlela zethu ukuze kungabikho mqobo ekubeni iinkonzo zethu zifikelele ngethuba nangaphandle kwamagingxiginxi kubantu bethu.

continues.....

Ukanti sikuthathela ingqalelo unikezelo lokutya nokuzakuzela ukuba abantu abakhubazekileyo ingakumbi banayo indawo yokufihla intloko. Umzekelo woku, kwinyanga yeThupha (August), sikunye neNkulumbuso yePhondo I Mpuma Koloni, u Lubabalo Oscar Mabuyane sinikezele ngendlu esemgangathweni kumhlali waseMphekweni ophila nokukhubazeka.

Siyakholelwa kananjalo ekubeni abantu abatsha balikamva leSizwe, ngoko ke eyona ndima yethu kukuphuhlisa izakhono zabo nokubaxhasa bafezekise amaphupha abo. USodolophu uthe wathatha isigqibo sokuba afake phantsi kwephiko lakhe izikolo ezintathu eziquka: Emfundweni Senior Secondary School, Zanemfundo High School kwakunye ne Mzuxolile High School. UMasipala uyaqinisekisa ukuba uyayixhasa inkqubo ye"Lima", nalapho enikeza ngenkxaso yesixhaso sokutya (Grocery) kubafundi abakwinkampu zokulungiselela iimviwo zokuphela konyaka.

Kuko konke oku, asiwalibelanga amaphulo okuxhobisa okanye ukunika ulwazi mayela ne-Social ills kwingingqi zethu, nalapho khona sithe gqolo ukuba ne programmes ezijolise ekufundiseni abantu ngobungozi bokusebenzisa gwenxa utywala, ukukhulelwa kwamantombi asematsha kwakunye nolwaphulo mthetho kwingingqi zethu.

Olu xwebhu ke liqulethe gabalala zonke ezinkqubo ndizibalulayo kwakunye nezinye izinto esithe sazibandakanya kuzo kule ikota.

Xa ndivala, ndithanda ukubulela ooCeba ngokuthi gqolo ngokuwuthathela ingqalelo umsebenzi abawuphathisiweyo wokuphucula impilo zabantu. besebenzisana nabahlali. Ndigqibele ngokubulela uMphathi Masipala namagosa nabasebenzi abasebenza phantsi kwabo, nabazijul'ijacu beqinisekisa ukuba umsebenzi uyaqhuba ngokusulungekileyo.

Enkosi!!!

Councillor S.S Maneli
Sodolophu

UNIKEZELO LOKUTYA UKUXHASA ABAFUNDI BEBANGA LESHUMI

19 EyeThupha 2022

"Ngqushwa Municipality Mayor and Councillors visited under performing high schools in Peddie with the intention of motivating them to perform better. The municipality handed over grocery to the schools in support of grade 12 learners who are camping in preparation for Examinations."

Ekuqaleni konyaka uSodolophu wandwendwela izikolo ebezifudula zingaqhubi kakuhle kodwa ngokuzimisela kwabafundi, befumana inkxaso kubazali nootitshala, iziphumo zebanga leshumi ziye zaphucuka. Abafundi baye baceba ukuba bahlale (Camp) esikolweni ukulungiselela imviwo.

Ekuhlaleni kwabo esikolweni kubakho imiceli mingeni yokungabikho kwento esiwa phantsi kwempumlo. USodolophu ngokwenjenje, ufezekise isithembiso sakhe sokuqinisekisa ukuba uyabaxhasa abafundi abenza ibanga leshumi ngokuthi anikezele ngenkxaso yokutya (Grocery) kwizikolo zamabanga aphezulu ezizezi: i-Emfundweni eQeto (Ward 10), Sobantu kwaNobumba (Ward 9), iZaneMfundo yaseMachibi (Ward 4), i-St Charles Sojola eHamburg (Ward 12) kwakunye neMzuxolile yasePeddie Extension (Ward 8).

NGQUSHWA CAREER EXPO 2022

29 EyeKhala 2022

Ngqushwa Grade 12 learners got an up-close look at different career paths that will connect their learning to the corporate world. During the Career Expo they got an insight about their career choices and necessary education information on training and development for their future career success.

YOUTH TRAINING AND DEVELOPMENT

08 EyeKhala| 2022

Twelve (12) Ngqushwa unemployed youth from various wards are currently at the Nelson Mandela Bay Traffic Training College studying for a Diploma in Traffic Law Enforcement for the duration of a year through a financial support from the municipality.

Ngqushwa Local Municipality Mayor Sanga Maneli when addressing the youth during "Send Off" held on the 08 July 2022, said "You are a beacon of hope" for both the Municipality and your families. One of the trainees Mr Lamla Moyeni replied "We are grateful for the opportunity given to us, we promise to achieve and serve the community of Ngqushwa."

Hand Over of Poultry Feed

20 EyeKhala | 2022

"Mayor Sanga Maneli and the council accompanied by the Department of Rural Development and Agrarian Reform – (DRDAR) visited a project called Umleqwa Healthy Meat Primary Co-operative Limited, which has five (5) members in the village of Nobumba. The municipality handed over 20 bags of laying mash for chickens and 20 litres of Vaccine."

USodolophu Sanga Maneli nebhunga bephelekwe liSebe lezoLimo (Department of Rural Development and Agrarian Reform-(DRDAR) bandwendwele Iprojekthi ebizwa Umleqwa Healthy Meat Primary Co-operative Limited, enamalungu amahlanu (5) kwilali uNobumba. I Projekthi iyilwe ngonyaka ka 2020 ngexesha elinzima apho ihlabathi beligutyungelwe sisifo seCorona ngamandla.

UMasipala unikezele ngengxowa eziyi 20 zokutya kwenkukhu (Laying Mash) kunye ne 20 litre yeVaccine yokugonya ukuncedisa ukuba zondliwe khonukuze kwande imveliso yamaqanda nokufumana amaqanda amaninzi ngosuku. Ukwanda kwamaqanda kuza kubanika amathuba okuthengisa nokufumana ingeniso eyiyo kwishishini labo. I Vaccine yokugonya iinkukhu iza kunceda ekubulaleni intsholongwane kwisakhiwo senkukhu nokunciphisa izifo nezifunxigazi (Parasites).

USodolophu uyazikhuthaza zonke Iprojekthi ukuba zingatyhafi ziqhubele phambili kuba ukholelwa ekubeni kuqala kubemnyama kodwa likhona ixesha lokukhanya, abantu mabangalahli ithemba. Utata uPetros, ongomnye wamalungu kule projekthi ubulele kuMasipala ngenkxaso ezakwenza umahluko, itsho esithi " Nenze njalo nakwabanye ukuphuhlisa."

"The Department of Social Development in collaboration with Ngqushwa Local Municipality, Old Mutual and the South African Police Service spent sixty seven minutes (67 minutes) of goodwill with adults aged 70 to 100 years in celebration of Mandela Day at the Ncumisa Kondlo Indoor Sport Centre."

Isebe loPhuhliso loLuntu (Department of Social Development) libambisene noMasipala waseNgqushwa, Old Mutual kwakunye neNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika, bachithe imizuzu angamashumi amathandathu anesixhenxe (67 minutes) nabantu abadala kwiholo INcumisa Kondlo.

Injongo yokubhiyozela olu suku lokuzalwa kukaTata uRholihlahla Mandela kukwenza umbulelo kwiminyaka engama-67 awayichitha esilwela ubulungisa, ukulingana, namalungelo oluntu. Urhulumente ufumanisa ukuba liya likhula inani leziganeko zokuphathwa gadalala kwabantu abadala. Ngalomsebenzi wezi zipho abathathi nxaxheba banika imbeko kutata UMandela ngokusebenzela kwakhe abo basweleyo. uSodolophu Sanga Maneli uthe, "sifuna bazive bekhathalelekile abantu abadala phantsi kwemeko abaphila phantsi kwazo". Kuye kwanikezelwa iingubo ezingmashumi amabini (20) kubantu abanekhulu leminyaka, nengutyana ze fleece ezilikhulu (100) kubantu abaneminyaka elishumi elinesixhenxe ukonyuka.

"Ngqushwa Municipality in partnership with the Local Moral Regeneration Movement (MRM) and the South African Police Services (SAPS) held a discussion about the challenges faced by communities. These challenges involve crime; such as homicide, stock theft, drugs, rape and sexual harassment that is common in our villages and the country in general."

U-Masipala ubambisene ne-Moral Regeneration Movement (MRM) kwakunye neNkonzo zamaPolisa aseMzantsi Afrika, babambe ingxoxo emayelana nemingeni echaphazela iilali zethu kwakunye nelizwe gabalala kwiholo iNcumisa Kondlo. Le mingeni iquka ulwaphulo mthetho olungqameneubusela, ukubulawa kwabantu, ubusela bemfuyo, iziyobisi, kwakunye nokuhlukunyezwa ngokwesini.

Le ngxoxo ibibanjwe phantsi komxholo othi ***"Building Sound Family Values"*** nalapho bekushukuxwa banzi ukuba zingaqweqwedwa njani na izimilo zabantu ekuhlaleni ukuze babenokukwazi ukuhluza okubi kokuhle kwaye bazazi iindlela eziphucukileyo zokuphilisana ekuhlaleni ukuze zibe nokucutheka neziziganeko eziqatseleyo zolwaphulo mthetho.

U-Sodolophu u Siyabulela Sanga Maneli ukhuthaze abahlali ukuba bazame ukuncedisana neeArhente zonyanzeliso mthetho kwakunye namapolisa ekubeni zifumane abo bagqugqisa ngobugebenga kwilali zethu.

Inkonzo yesiPolisa iyigxininisile nayo into yokuba mawuphele umkhwa wokuqunywa kwabenzi bobubi kwindawo esihlala kuzo nanjengoko oko kuphazamisana kukwagqwalisa umsebenzi wamapolisa.

U-Sodolophu uthe akuncedi ukujongana ngezikhondo zamehlo nokuxambulisana ngokuba ngubani omakaqweqwede isimilo somnye, nanjengoko nentetho yamaNgesi isitsho isithi ***"It takes a village to raise a child",*** ngoko ke luxanduva lawo wonke umntu ukuba aphuhlise isizwe esisiso.

Abahlali bathe bayazivuyela inkqubo ezikumila kunje, kodwa bangathanda ukuba kwixa elizayo zibanjelwe phakathi ekuhlaleni apho eyona ntsusa yezingxaki ikhoyo.

Womens Month Celebration

"Womens Socio-economic Rights and Empowerment"

"The Premier of the Eastern Cape Province Lubabalo Oscar Mabuyane and the then MEC for the Department of Human Settlements Nonceba Kontsiwe, and the Mayor of Ngqushwa Municipality Councillor Sanga Maneli - officially handed over a house to a destitute woman, Ms Buyelwa Goniwe who is 52 years of age at Mpekweni village in Ward 11."

Ngenyanga yamanina Nkulumbuso yePhondo iMpuma Koloni uLubabalo Oscar Mabuyane noMphathiswa weSebe lokuHlaliswa koLuntu (Department of Human Settlements) uNonceba Kontsiwe, noSodolophu Womasipala waseNgqushwa uCeba Sanga Maneli bathe banikezela ngokusesikweni indlu kowasetyhini osweleyo uBuyelwa Goniwe oneminyaka eyi 52 kwilali yaseMphekweni kwa Ward 11. UBuyelwa unikwe indlu ethe yafudumala ngokunxityiswa ngefenitshala ngenkxaso evela kumasipala waseNgqushwa, kwakunye nokunokhontraka obizwa iGaza Construction. I-Sebe loPhuhliso loluntu lithe laxhasa ngeGrosari (Grocery) ukuze naye azive ekhathelelekile.

uBuyelwa uzive enganakukwazi ukuthula, ubulele wathi inkulu into ayenzelwe nguRhulumente khange azazi ukuba naye angangumninimzi. Inkulumbuso yePhondo ithe "Ndiyinkokheli ezifezekisayo izithembiso zayo. Ngenyanga kaOktobha kunyaka odlulileyo xa ndindwendwele kule lali yaseMphekweni ndaziva ndingenakungangeni kulo mzi xa ndibona imeko yawo. Umbono endawubonayo wandenza andalala kakuhle. Ndabona kufanelekile ukuba uBuyelwa akhelwe umzi ozabuyisa isidima sakhe. Sincedisene singuRhulumente kwakunye nabanye abathathi nxaxheba; sisathembisa ngakumbi ukuba sakuthi gqolo ukuzisa utshintsho kwimpilo zabantu boMzantsi Afrika."

FOETAL ALCOHOL SYNDROME AWARENESS CAMPAIGN (FAS)
UBUNGOZI BOKUSELA UBUTYWALA UKHULELWE

08 EyoMsintsi | 2022

"The Deputy Minister for the Department of Social Development, Ms. Hendrietta Ipeleng Bogopane-Zulu together with the MEC of the Department of Social Development , Ms. Bukiwe Fanta, the Chairperson of the National House of Traditional Leaders, Ms. Nosandi Mhlauli, Ngqushwa Municipality Councillors and the South African Police Services held an awareness campaign to empower young pregnant women about the importance of not drinking alcohol while pregnant."

USekela Mphathisa weSebe loPhuhliso loLuntu uHendrietta Ipeleng Bogopane-Zulu, ehamba noMphathiswa weSebe lezoPhuhliso loluntu KwiPhondo iMpuma Koloni, uNkosikazi Bukiwe Fanta kunye noSihlalo weNdlu yeeNkokheli zeMveli kuZwelonke uNkosikazi Nosandi Mhlauli, Ibhunga elikhokhela kumasipala iNgqushwa kunye neNkonzo yaMapolisa oMzantsi Afrika, bandwendwele eNgqushwa bezokuxhobisa abantu abatsha abakhulelweyo ngokubaluleka kokungabuseli ubutywala ngexesha bekhulelwe.

Uphando lufumanisa ukuba inani labantu abatsha abakhulelweyo liya linyuka kwaye basela ubutywala ngexesha bekhulelwe. Ulutsha ebelukhona lucaciselwe ngobungozi bokusela ubutywala kumntwana umntu amthweleyo. USekela Mphathiswa ekuthetheni kwakhe nabo bexoxa, uye waba nomdla wokwazi oyena nobangela wokusela kolutsha. Impendulo ziphumile kubantu abatsha esingabalula ukuba babona ooNtanga babo beyenza (Peer Pressure), Intlupheko (Poverty) kunye neNtswela-ngqesho (Unemployment).

Umama ongumhlali apha eNgqushwa uye wahlomla ngawakhe amava obunzima njengoko ekhulisa umntwana wentombi yakhe eyayisela utywala ngethuba ikhulelwe. Uthe,"Iziphumo zokusela kukamama ekhulelwe zimbi kakhulu kuba apha ekukhuleni, umntwana uyachaphazeleka kwaye kwicala lezemfundo uphela engumntwana othatha kade esikolweni." USekela Mphathiswa uye wanika abantu abatsha abakhulelweyo izipho eziqulathe; iBaby Starter Hamper kunye neBhegi (Bag) enezinto zosana, amanapkeni (Nappies), Ubisi (Milk), neNestum, ebakhuthaza ukuba bangaseli utywala ngexesha bekhulelwe kuba ikamva lomntwana libalulekile kwaye urhulumente ulifuna liqaqambile ukwakha isizwe esingcono.

NEW FLEET OF VEHICLES AND PLANT MACHINERY EQUIPMENT

"Ngqushwa Local Municipality bought new Bomag Roller, Grader, Bakkie, Tiper truck and Refuse Truck. The new fleet of vehicles purchased by the municipality will make a very positive impact on service delivery of roads infrastructure; regravelling, fixing potholes and waste collection for the residents ."

TOURISM MONTH SEPTEMBER 2022

Rethinking Tourism - Opportunities Await

#TourismMonth2022

On the **09th September**, the municipality together with the Local Tourism Organization hosted the Flea Market in Peddie Town. The crafters sold their products; honey, Traditional garments, beadwork, handbags, woodwork, paintings and vases.

On the **23rd September,** DSRAC in partnership with Ngqushwa Local Municipality, Amathole District Municipality and Raymond Mhlaba Minicipality held Ziyakhamana Arts Festival where all artists from both local municipalities were given a platform to showcase their talent in differnt art forms. All perfoming groups/individuals were compensated for their participation and are given an opportunity to participate in the upcoming Provincial Art Shows.

On the **30th September**, Ngqushwa Local Municipality together with Mhala Development Trust of Amadlambe Traditional Council and the Local Tourism Organization embarked onan 8Km Walk at UHambo Loxolo Hiking Trail.



Ms N.cakwe
Manager Corporate Communications and Branding

Editor

Ms N.Majali
Practitioner Communications

Designer & Writer

Ms S. Pongoshe
Communications Intern

Writer

Ms S. Xwayi
Communications Intern

Writer

NGQUSHWA
MUNICIPALITY

"Sikhula Simanyene"

Postal Address: P.O Box 539, Peddie, 5640
Physical Address: Erf 313 Peddie Town
Contact: 040 673 3095
Fax: 040 673 3771
Website: www.ngqushwamun.gov.za
Facebook Page:ngqushwa municipality